## ICANDELO A: IZINCOKO

Kulindeleke ukuba umviwa abhale isincoko esiNYE esinomthamo ongamagama angama-340-390 (2-2½ amaphepha) ngesiNYE kwizihloko ezinikiweyo. Umviwa angabhala nangaluphi na udidi lwesincoko: esibalisayo, esichazayo, esixoxayo, esivelela amacala omabini, esicamngcayo, okanye naziphi na ezidityanisiweyo kwezi.

### UMBUZO 1

1.1 **Konwatywa ekhaya ngaloo mini.**

- Isincoko singabhalwa ngebali lemini enye libonise ukuba kwakutheni ukuze konwatywe/achaze ulonwabo lwaloo mini/acamngce ngolonwabo lwaloo mini/axoxele ulonwabo olwalukho ngaloo mini.
- Isincoko kulindeleke ukuba sinike impendulo yentsusa/efihlakeleyo/eyindibanisela.
- Isincoko masilungelelaniswe sibe nothungelwano okanye unamathelwano.
- Masibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Masisebenzise ifomathi ehambelana nodidi lwesincoko olukhethiweyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nesihloko iyakwamkeleka). **[50]**

1.2 **Ilizwe emva kwemvula.**

ÉcoleBooks

- Isincoko singavelela ubuhle/ukubukeka/notshintsho lwelizwe emva kwemvula esusela nakwimeko phambi kwemvula/ukonakaliswa kwelizwe yimvula.
- Isincoko kulindeleke ukuba sinike impendulo yentsusa/efihlakeleyo/eyindibanisela.
- Isincoko masilungelelaniswe sibe nothungelwano okanye unamathelwano.
- Masibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Masisebenzise ifomathi ehambelana nodidi lwesincoko olukhethiweyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nesihloko iyakwamkeleka). **[50]**

1.3 **Uchulumanco lokunceda abanye abantu.**

- Isincoko singavelela ulonwabo/ubuhle/ukubukeka/notshintsho xa abantu bencedana/sisengasusela kubomi phambi kokuba bancedane.
- Isincoko kulindeleke ukuba sinike impendulo yentsusa/efihlakeleyo/eyindibanisela.
- Isincoko masilungelelaniswe sibe nothungelwano okanye unamathelwano.
- Masibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Masisebenzise ifomathi ehambelana nodidi lwesincoko olukhethiweyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nesihloko iyakwamkeleka). **[50]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



1.4 **Ingqeqesho iqala ekhaya.**

- Isincoko singangebali lemini enye/lobomi bomntu ongazange avume/ owavuma ukuqeqeshwa ekhaya.
- Singavelela intlungu/imeko yentlalo phakathi kwabazali nabantwana/ iziphumo zengqeqesho/ukulunga kwengqeqesho.
- Isincoko kulindeleke ukuba sinike impendulo yentsusa/efihlakeleyo/ eyindibanisela.
- Isincoko masilungelelaniswe sibe nothungelwano okanye unamathelwano.
- Masibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Masisebenzise ifomathi ehambelana nodidi lwesincoko olukhethiweyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nesihloko iyakwamkeleka). **[50]**

1.5 **Itekhnoloji ezikolweni.**

- Isincoko singavelela ukulunga/ukungalungi kwayo/iindidi zayo/imingeni yokuyisebenzisa ezikolweni/ulonwabo lokuziswa kwayo ezikolweni.
- Isincoko kulindeleke ukuba sinike impendulo yentsusa/efihlakeleyo/ eyindibanisela.
- Isincoko masilungelelaniswe sibe nothungelwano okanye unamathelwano.
- Masibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Masisebenzise ifomathi ehambelana nodidi lwesincoko olukhethiweyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nesihloko iyakwamkeleka). **[50]**

1.6 **Ukuvota kolutsha kungawenza umahluko kwintlalo yoluNtu**.

- Isincoko singavelela uchulumanco lokuthatha inxaxheba/ukulunga/ ukungalungi kwako/imingeni ehambelana nokuvota/umahluko xa lunokuvota/ukuthandabuza/ukuxhalaba ngeziphumo zenxaxheba ethathwa lulutsha.
- Isincoko kulindeleke ukuba sinike impendulo yentsusa/efihlakeleyo/ eyindibanisela.
- Isincoko masilungelelaniswe sibe nothungelwano okanye unamathelwano.
- Masibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Masisebenzise ifomathi ehambelana nodidi lwesincoko olukhethiweyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nesihloko iyakwamkeleka). **[50]**

1.7 1.7.1 **Imifanekiso.**

- Isincoko singavelela amaphupha okuba ngumdlali wodumo/ ukukhuliswa kwezakhono/ukulunga kokuwugoba uselula umthi wakho/ukunika nokuvimba abantwana amathuba/ukuphuhlisa italente kwangoko/imingeni umntu ahlangana nayo kuqeqesho/ ukwamkela uqeqesho.
- Isincoko masinike isihloko esifanelekileyo.
- Isincoko kulindeleke ukuba sinike impendulo yentsusa/ efihlakeleyo/eyindibanisela.
- Isincoko masilungelelaniswe sibe nothungelwano okanye unamathelwano.
- Sibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Masisebenzise ifomathi ehambelana nodidi lwesincoko olukhethiweyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nesihloko iyakwamkeleka). **[50]**

1.7.2

- Isincoko singavelela amaphupha okuba ngumlimi/umfama/ ukukhuliswa kwezakhono/ukunika nokuvimba ulutsha amathuba okuziphuhlisa/izifundo neebhasari ezinenjongo yokuphuhlisa amathuba kulimo/imingeni ahlangana nayo amafama/ukwamkela uqeqesho/amaziko oqeqesho lwamafama/izibonelelo zamafama.
- Isincoko masinike isihloko esifanelekileyo.
- Isincoko kulindeleke ukuba sinike impendulo yentsusa/ efihlakeleyo/eyindibanisela.
- Isincoko masilungelelaniswe sibe nothungelwano okanye unamathelwano.
- Masibe neziganeko/izimvo eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Masisebenzise ifomathi ehambelana nodidi lwesincoko olukhethiweyo.

(Nayiphi na impendulo emxholo uhambelana nesihloko iyakwamkeleka). **[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

## 2.4 I-AJENDA NEMIZUZU

- Kulindeleke ukuba lo mhlathi ubhalwe ngokufanelekileyo-ube ziziqanaqwana ezibini- i-ajenda nemizuzu.
- Mawubhalwe ngefomathi echanekileyo.

**Kwi-ajenda;**
- Ifomathi iziingongoma ezingamabinzana (izivakalisi ezipheleleyo azamkelekanga), abathathi nxaxheba lulutsha.
- Mayiqulathe miba ekuza kuxoxwa ngayo entlanganisweni.
- Mayisayinwe ngunobhala ibe nomhla ayisayine ngawo.

**Kwimizuzu yentlanganiso**
- Mayilandele iingongoma ze-ajenda ngokulandelelana kwazo.
- Uvulo, ulwamkelo, izingxengxezo, imizuzu yentlanganiso edlulileyo nemivuka.
- Umxholo mawugxile kwizigqibo ngokwezindululo zentlanganiso eziqiqisiweyo ezixhokonxa iingcinga ezivuthiweyo..
- Kuyanceda ukusebenzisa isixando sokwenziwa nexesha elidlulileyo xa kubhalwa izigqibo neziphakamiso umzekelo kuvunyelwene/kugqitywe/ kuphakanyiswe'.
- Ixesha elizayo lisetyenziswa malunga nezigqibo ezimalunga nokuseza kwenziwa.
- Imizuzu mayibhale ixesha evalwe ngalo intlanganiso, ibe nentsayinogama kaSihlalo kwakunye nomhla wokubanjwa kwentlanganiso.
- Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama mazibe sesikweni lwentlanganiso.

(Nayiphi na ifomathi yalo mhlathi echanekileyo yamkelekile) **[25]**

## 2.5 INTETHO ESESIKWENI

- Intetho mayibe nesihloko itsale umdla.
- Ifomathi: Makuvele ixesha, indawo, injongo, abaphulaphuli noko aza kuthetha ngako.
- Umxholo mawunike imiba emalunga nokumazi kwakhe, izinto azibalule ngazo, neenkcukacha ngokukhula kwabo, isimo sakhe neminqweno emihle.
- Mayisebenzise izivakalisi ezifutshane esebenzisa imizekelo eqhelekileyo.
- Mayisebenzise ulwimi olunondileko, oluncomayo, olukhuthazayo nolulumkisayo.
- Mayisebenzise ithoni yokuvuyisana/etyala umoya wokuvuyisana, irejista, isimbo sokubhala nesigama esibonisa ukuba bayazana.
- Isiphelo masibe sisiphelo hayi isishwankathelo sokubhaliweyo.

(Nayiphi na ifomathi yalo mhlathi echanekileyo yamkelekile) **[25]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



2.6 **I-OBHITSHUWARI**

- Ngokwefomathi ibhalwa ngokohlobo lwemihlathi/prozi.
- Umhlathi wokuqala mawunike iinkcukacha ngokuzalwa,imfundo, izinto azithandayo, usebenzisa ixesha elidlulileyo/eladlulayo.
- Umhlathi wesibini mawunike iinkcukacha ngeemeko azibalule kuzo ebomini usebenzisa ulwimi oluchukumisayo noluhloniphayo kunye nentetho ngqo apho kufuneka kucatshulwe kumazwi akhe.
- Mawubhalwe ngethoni emncomayo umfi nengagxekiyo.
- Umhlathi ungasebenzisa izihlokwana ezifanelekileyo ezimalunga nobomi bongasekhoyo.
- Kulindeleke ukuba umhlathi ubhalwe ngejelo lomntu wesithathu.
- Ungavala kakuhle ngomyalezo wovelwano okanye amazwi okumkhapha nathuthuzelayo akwimo yexesha langoku kwisiphelo.

(Nayiphi na ifomathi yalo mhlathi echanekileyo yamkelekile) **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

ÉcoleBooks

